

## Intshayelelo

Indawo ekusetyenzelwa kuyo iyayichaphazela kakhulu impilo yabantu. Ukunganonotshelwa kwempilo nokhuseleko lwabantu kwiindawo abasebenza kuzo kungakhokelela kwizigulo, ukwenzakala nokufa.

Izikolo, iikholeji neeyunivesithi zifanele ukuba zibe ziindawo zokusebenzela ezinempilo ukuze abasebenzi basebenze ngokuzinikela. Oku kungenzeka xa kuqatshelwe impilo nokhuseleko lwabantu kwezo ndawo basebenza kuzo.

Ukwenza unakonako wokukhusela abantu kwizigulo ezibangwa ngumsebenzi, ukungaphangeli ngenxa yobunkenenkene bempilo, nokufuneka kunikwe abantu ithuba lokuchacha nokubuyela empilweni emva kokugula kungalulutho kubaqeshi nakubasebenzi.

Ukuze kufumaneke oku kufuneka kuqinisekiswa ukuba iindawo ekusetyenzelwa kuzo zinempilo nokhuseleko.



## Yeyiphi imithetho esebenzayo?

Ngumthetho wempilo nokhuseleko emsebenzini ka1993.



## Kutheni kukho ulawulo lwempilo nokhuseleko?

Ngenxa yokubaluleka kwempilo nokhuseleko emsebenzini, kukho imithetho enyanzelisa wonke umntu ukuba angabeki ubomi bakhe okanye obabanye abantu engozini. Le mithetho ikhusela abantu kwiingozi ezingehla kwezo ndawo basebenza kuzo.

## Ingaba imithetho yempilo nokhuseleko iyandichaphazela?

Ewe, ichaphazela zonke izikolo, iikholeji neeyunivesithi.

## Inyanzeliswa ngubani le mithetho yempilo nokhuseleko?

Inyanzeliswa ngabahloli beSebe lemiSebenzi.

## Bayinyanzelisa njani abahloli le mithetho?

Abahloli batyelela zonke iindawo ekusetyenzelwa kuzo ukuya kuqonda ukuba abantu bayayithobela imithetho ebekiweyo. Baphanda iingozi nezikalazo baze bancede abaqeshi nabasebenzi ngokuqonda ekufuneka bakwenze.



## Ingaba izikolo, iikholeji neeyunivesithi kulindeleke ukuba zibe nabameli neekomiti zempilo nokhuseleko?

Apho kuqeshwe abasebenzi abangaphezu kwama20, kufuneka kukho ummeli wempilo nokhuseleko. Kulindeleke ummeli omnye kwikhulu ngalinye labantu. Kusakumiselwa abameli abangaphezulu kwisinye kufuneka kusekwe ikomiti yempilo nokhuseleko.

## Ingaba kufuneka zixelwe izehlo?

Ezinye zezehlo ezenzeka ezikolweni, kwiikholeji neeyunivesithi okanye ezenzeka ngaphandle kodwa zinxulumene nokufunda kunyanzelekile ukuba zixelwe kuMphathi Olawulayo wePhondo. Khangela uludwe lweenombolo ongazitsalela.

Ungazifumana iinkcukacha zezehlo ekufuneka zixelwe kwicandelo lama24 nelama25 womthetho wempilo nokhuseleko kwiindawo zomsebenzi. Iziganeko ezifana nokuphathana gadalala zona azixelwa kuMphathi Olawulayo wePhondo.

## Luhlobo luni lwezinto ezinobungozi ezingafumaneka kwizikolo, iikholeji neeyunivesithi?

Iindidi zobungozi zingaquka oku kulandelayo:

- Imigangatho okanye iindawo ekuhanjwa kuzo ezityibilikisayo
- Izinto ezikhubekisayo
- Iifestile ezophukileyo
- Izibane neesilingi eziwayo

- Iindawo ezingakhuselekanga zokudlala
- Imifuniselo yeekhemikhali engekho phantsi kolawulo
- Izinikezeli zombane ezivele ngaphandle
- Izinyuko ezonakeleyo okanye ezophukileyo
- Oomatshini abahambayo abafana nabo bokucheba ingca
- Ikhlabathi ezivulekileyo
- Iisokethi zombane ezithwele ngaphezu kwemfuneko
- Indlela yokususa izinto ezisisindayo
- Ukungabikho kokhanyiso xa kukho ingxaki
- Iiheke ezitshebelezayo ezingakhuselekanga
- Izitulo ezophukileyo
- Ukuba kwiindawo enezinto ezenziwe ngeasbestos.

## Yintoni ekufanele ukuba ndiyenze ngobu bungozi?

Xa ubona izinto ezinobungozi kufuneka uzisuse okanye unchiphise ubungozi obo. Ukuba awukwazi ukubususa kufuneka uthabathe amanyathelo aya kuqinisekisa ukhuseleko lwabantu kubungozi obo.

## Uncedo oluvela kubahloli

Ungabatsalela umnxeba abahloli kwiiofisi zeSebe leMisebenzi:

## Provincial Offices of the Department of Labour

<b>Eastern Cape</b> -	East London	Tel: (043) 701 3000
<b>Free State</b> -	Bloemfontein	Tel: (051) 505 6200
<b>Gauteng North</b> -	Pretoria	Tel: (012) 309 5000
<b>Gauteng South</b> -	Johannesburg	Tel: (011) 497 3222
<b>KwaZulu-Natal</b> -	Durban	Tel: (031) 366 2000
<b>Limpopo</b> -	Polokwane	Tel: (015) 290 1744
<b>mpumalanga</b> -	Witbank	Tel: (013) 655 8700
<b>North West</b> -	Mafikeng	Tel: (018) 387 1800
<b>Northern Cape</b> -	Kimberley	Tel: (053) 838 1500
<b>Western Cape</b> -	Cape Town	Tel: (021) 441 8000

## Labour Centres of the Department of Labour

<b>Eastern Cape</b>	
Aliwal North	Tel: (051) 633 2633
Butterworth	Tel: (047) 491 0490
Cradock	Tel: (048) 881 3010
East London	Tel: (043) 702 7500
Fort Beaufort	Tel: (046) 645 4686
Graaf-Reinet	Tel: (049) 892 2142
Grahamstown	Tel: (046) 622 2104
King William's Town	Tel: (043) 643 4756
Lusikisiki	Tel: (039) 253 1996
Maclear	Tel: (045) 932 1424
Mdantsane	Tel: (043) 761 3151
Mthatha	Tel: (047) 501 5600
Port Elizabeth	Tel: (041) 506 5000
Queenstown	Tel: (045) 807 5400
Uitenhage	Tel: (041) 992 4627